



# IBhayibhile yam yokwenza nokuFunda INcwadi-3



[www.biblesociety.co.za](http://www.biblesociety.co.za)  
bible society of south africa

Funda  
ukufunda nokubhala!  
IProgram yeLitherasi

# **IBhayibhile yam yoKwenza nokuFunda INcwadi-3**

IsiXhosa Literacy Programme  
First digital edition 2020

© Bible Society of South Africa 2020

Illustrations © Bible Society of South Africa 1985  
Illustrations by Annie Vallotton

All rights reserved. No part of this book may, without prior written permission of the copyright holder, be reproduced or transmitted in any form or by any means, electronic, mechanical or otherwise, either through photocopying, writing, audio recording, or any other system for information storage and retrieval.

Published by the Bible Society of South Africa  
P O Box 5500, Tyger Valley 7536, Bellville

[www.biblesociety.co.za](http://www.biblesociety.co.za)

Epub-format      ISBN 978-0-7982-2398-0  
PDF-format        ISBN 978-0-7982-2397-3



**bible society**  
of south africa





# Ukuzalwa kukaYesu

UJosefu noMariya  
baphuma kwidolophu iNazarete,



baya kwidolophu  
eyiBhetelehem.

Ukufika kwabo  
eBhetelehem  
kwakungekho ndawo  
endlwini yabahambi.

EBhetelehem

uMariya wazala unyana wakhe  
wamazibulo.

Umsongele eziqhiyeni,

wamlalisa emkhumbini wesitali.





Kwakukho abelusi kwakweso sithili,  
behlala ezindle.

Babelinda imihlambi  
yabo ebusuku.



Abelusi babona  
isithunywa seNkosi  
simi ngakubo.

Ubuqaqawuli beNkosi  
bababengezelela  
ngeenxa zonke.  
Baza boyika kakhulu.

Isithunywa sathi kubo:

“Musani ukoyika! Ndinizisele iindaba ezimnandi zovuyo olukhulu.

Yena nguMsindisi onguKrestu iNkosi.



“Namhlanje kuzelwe uYesu eBethlehem.

Nofumana usana,  
lusongelwe eziqhiyeni,  
lulule emkhumbini wesitali.”

*Makadunyiswe uThixo*

*kweliphezulu!*



Ngequbuliso kwabakho inkitha  
yezithunywa zezulu,  
idumisa isithi:

“Makadunyiswe uThixo  
kweliphezulu!  
Makube luxolo emhlabeni  
kubantu abamkholisayo.”

Zemka izithunywa, zaya ezulwini.



Baza abelusi abo bathi  
omnye komnye:  
“Masihambe siye eBhetelehem,  
siyibone le nto ihlileyo.”

Bakhawuleza ke baya,  
bafika kuMariya noJosefu.  
Balubona usana  
lulele emkhumbini wesitali.





Kwafika iingcali zeenkwenkwezi,  
zivela empumalanga,  
zisithi:

“Uphi na lo kumkani uzelweyo?  
Sibone inkwenkwezi yakhe  
empumalanga.  
Ke size kumnqula.”



Inkwenkwezi yazikhokela iingcali,  
de yaya kuma phezu kwendawo  
abekuyo umntwana lowo.  
Zakuyibona inkwenkwezi,  
zavuya gqitha.



Iingcali zeenkwenkwezi  
zingenile endlwini,  
zambona umntwana  
enoMariya unina,  
zaza zaqubuda  
zamnqula.

Zavula iingxowa zazo,  
 zanikela kumntwana ngeziphho.  
 Kwakukho igolide,  
 nentlaka yokuqhumisa,  
 nentlaka yokuqhola.



## <sup>a</sup><sub>b</sub> Amagama angaqondakaliyo

Jonga le mifanekiso ingezantsi ucombulule amagama asecaleni kwawo.



t n w i y u i e h s  
 [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ]



k e n i k z i n w e w  
 [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ] [ ]



e u j s u  
 [ ] [ ] [ ] [ ] [ ]

## 2 3 I Gridi yamanani

Fakela amanani ashijiweyo kwibhloko.

1	+	1	=	<input type="text"/>
+		+		+
2	+	3	=	<input type="text"/>
=		=		=
<input type="text"/>	+	<input type="text"/>	=	<input type="text"/>


$$3 - 1 = \text{$$

$$2 - \text{$$

$$\text{} + 2 = 6$$



# UYesu emtshatweni




Kwabakho umtshato eKana.

Unina kaYesu wayekho  
kuloo mtshato.

UYesu nabafundi bakhe  
babemenyiwe nabo.



Baphelelwa yiwayini.



Unina kaYesu wathi kuye:  
“Baphelelwe yidayini.”

UYesu wathi kuye:  
“Mama, khawuyeke.  
Ixesha lam alikafiki.”






Waza unina kaYesu  
wathi kwizicaka:  
“Kwenzeni konke anixelelayo.”



Kwakukho imiphanda yelitye  
emithandathu.



UYesu wathi kwizicaka:  
“Zalisani le miphanda  
ngamanzi.”  
Izicaka zayizalisa.

UYesu ke wathi kwizicaka:  
“Yikhani ngoku,  
nise kwinjoli.”  
Zenjenjalo ke.




Yaza injoli yawangcamla  
amanzi.  
Kanti amanzi ajikwe aba  
yawayini.



Injoli yayingazi  
apho ivela khona le wayini.  
Injoli ke yambiza umyeni,  
yathi kuye:



“Idla ngokukhutshwa kuqala  
iwayini elungileyo.  
Kodwa wena uyigcine kwada  
kwangoku  
eyona wayini ilungileyo.”







Lo mqondiso wakhe wokuqala  
 uYesu wawenza eKana.  
 Ke ngoko abafundi bakhe  
 bakholwa kuye.

## **a** **b** Iqhina loqashiso

Gqibezela lo qashi-qashi uthelekisa  
 umfanekiso nenani.



1. 
2. 
3. 
4. 

# <sup>2</sup><sup>3</sup> Umdlalo – Yinyani okanye asiyoNyani

Khetha ukuba yinyani okanye asiyoNyani

$2 > 3$

yi nyani

asiyo nyani

$4 < 7$

yi nyani

asiyo nyani

$5 > 1$

yi nyani

asiyo nyani

$6 < 8$

yi nyani

asiyo nyani

$10 = 5 + 5$

yi nyani

asiyo nyani

$1 + 2 > 4$

yi nyani

asiyo nyani

$6 + 2 = 4 + 4$

yi nyani

asiyo nyani

$3 - 0 = 3$

yi nyani

asiyo nyani

$4 + 3 < 6$


yi nyani

asiyo nyani



# UmSamariya olungileyo


Ngenye imini  
uYesu wayethetha nabantu.



Umntu othile  
wayehamba endleleni.

Ke indoda ethile  
yambuza isithi:  
“Ngubani ummelwane wam?”

Ke ngoko uYesu  
wabenzela umzekeliso.



Wahlaselwa  
zizihange.





Zamhluba izambatho zakhe,  
zamngxwelerha.

Zamshiya esecicini lokufa,  
zemka.





Kwakukho umbingeleli  
owayehamba kwaloo ndlela.

Akumbona loo mntu,  
wacezela phaya.




Kwangokunjalo ke  
kwafika umntu  
owayengumncedisi  
endlwini kaThixo.



Naye uthe akumbona  
loo mntu,  
wacezela phaya.



Ke umSamariya othile  
owayeseluhambeni  
wafika kuye.



Akumbona wavelana naye,  
wasondela.



Wawabopha amanxeba akhe,  
ewagalela ioyile newayini.

Wamkhwelisa kwidonki yakhe.





Wamsa kwindlu  
yabahambi.  
Wamonga.



Ukumka kwakhe  
ngengomso,  
urhole imali.  
Uyinike umnini-ndlu,  
wathi kuye:  
“Uze umonge.  
Nento othe wadleka  
yona  
ngaphezu koku  
ndoyihlawula  
ekubuyeni kwam.”

Waqhuba uYesu wathi:

“Khawutsho ke,  
nguwuphi kwabo bathathu  
owaba ngummelwane  
walowo wagaxeleka ezihangeni?”

Yaphendula loo ndoda yathi:

“Ngulowo waba novelwano.”

Waza uYesu wathi kuyo:

“Hamba uye kwenjenjalo ke nawe.”



## <sup>a</sup><sub>b</sub> Khangela amagama

Khangela amagama akuluhlu kunye nafihliweyo.

- uncedo
- umsamariya
- imali
- impahla
- abaphangi
- indlela
- umpriste
- idonki

a	m	i	u	y	e	s	u	s	n	i
r	e	u	m	r	a	n	m	t	c	m
l	e	r	a	n	d	o	s	i	e	u
i	m	e	b	s	y	e	a	m	d	m
m	e	l	a	h	l	d	m	a	a	p
a	s	y	p	l	e	l	a	p	e	r
l	m	i	h	e	s	u	r	l	u	i
i	m	p	a	h	l	a	i	a	m	s
u	a	b	n	c	e	s	y	n	a	t
m	d	a	g	m	e	n	a	g	b	e
s	y	h	i	i	n	d	l	e	l	a

# <sup>2</sup><sup>3</sup> Uphinda phindo oluxutyiweyo

Phendula yonke imibuzo yophinda-phindo engezantsi.

$1 \times 2 =$

2

$2 \times 3 =$

$3 \times 1 =$

$2 \times 4 =$

$5 \times 2 =$

$3 \times 3 =$

$2 \times 6 =$

$3 \times 4 =$

A vertical strip of eight yellow boxes with dashed borders, used for writing the answers to the multiplication problems. The first box contains the number 2.





UYesu uzolisa  
isaqhwithi



UYesu waya kukhwela  
esikhitshaneni.

Babekho nabafundi bakhe.

Banduluka

besiya ngaphesheya.





Ekuhambeni kwabo  
uYesu walala ubuthongo.

Kwehla isaqhwithi  
elwandle apho.





Isikhitshana sazala ngamanzi,  
baba sengozeni.


Kodwa uYesu  
wayesalele ubuthongo.




Baza abafundi bamvusa uYesu,  
besithi:  
“Safa!  
Nkosi, sisindise!”



UYesu wathi kubo:  
“Kutheni na ukuba  
noyike kangaka?”



Wavuka ke uYesu,  
wawukhalimela umoya.  
Wathi kulo ulwandle:  
“Yithi cwaka, uzole.”




Wadamba umoya,  
kwabakho  
ukuzola okukhulu.

Abafundi babesoyika  
bemangalisiwe.


Bathi omnye komnye:

“He bethu, ngumntu onjani lo?  
Ude alulanyelwe ngumoya  
nangamanzi!”





UYesu nabafundi bakhe  
bahamba ngesikhitshana,  
baya ezweni  
elikhangelene nabo.



## **a** **b** Gcwalisa amagama

Fakela izandi ezishiyiweyo ukugqibezela ibali elingezantsi.

1. UYesu wakhwela

□ □ k □ □ m □ □ □ i

2. Banqumla ichibi bekhwele

u □ □ h □ □ b □

3. UYesu wayengahlelanga, wayesalele

□ b □ t □ □ □ g □

4. Kwabakho uqhwithela

□ □ u □ □ □ □ l □

5. u □ □ □ h □ □ □ b □

wawuzakutshona

6. Uyasu wawukhalimela umoya nolwandle

ukuba luthi c □ □ □ k □

7. Lwathi cwaka

□ q □ □ □ i □ □ □ □ a

## 2 3 Khangela ifomula

Ufikelele njani kwezi mpendulo zingezantsi?

• 8

• 14

• 12

• 6

• 9

• 11

7	+	12	-	9
+	4	÷	5	+
7	×	2	×	4
-	3	×	3	+
6	+	5	÷	6



# UYesu noZakeyi

Kwakukho indoda  
ebizwa ngokuba  
nguZakeyi.  
Yayisaziwa  
ngabantu bonke.





Le ndoda uZakeyi yayisisityebi.  
Yayihlala eJeriko.  
Abantu babemthiyile uZakeyi,  
kuba ebengumqokeleli-rhafu.

UZakeyi wayeqokelela imali  
ebantwini.  
Le mali wayeyinika  
abaphetheyo.





Ngenye imini uYesu waya eJeriko,  
apho uZakeyi wayehlala khona.  
UZakeyi wayefuna ukubona uYesu.





Wabaleka ke uZakeyi,  
waya ngaphambili,  
wafika emthini.

Kodwa uZakeyi  
wayemfutshane ngesithomo.  
Wasithwa ngabanye abantu,  
akaba nako ukumbona UYesu.



Ke wakhwela emthini  
ukuze ambone uYesu.



Akufika kuloo ndawo,  
wakhangela phezulu uYesu,  
wathi kuye:



“Zakeyi, khawuleza uhle.  
Namhlanje ndimelwe kukuba  
lundwendwe lwakho.”



Wakhawuleza ke  
wehla uZakeyi.

UZakeyi wamamkela uYesu  
endlwini yakhe.






UZakeyi wayevuya  
kakhulu.



Bakuyibona loo nto,  
bakhalaza bonke.

Babesithi:

“UYesu uye kungena endlwini  
yomntu ongumoni.”



Waphakama uZakeyi,

wathi kuYesu:

“Nkosi, isiqingatha sempahla yam  
ndisinika amahlwempu.



Ukuba ndidle into kabani

ngokumqhatha

ndombuyisela kane.”

Ke uYesu wathi kuye:

“Namhlanje lufikile usindiso kule ndlu.

Kaloku ndifikele ukufuna

abantu abalahlekileyo,

ndibasindise.”



Hayi ke ngoku  
ukuvuya kukaZakeyi!



## <sup>a</sup><sub>b</sub> Khangela impazamo

Khangela impazamo yopelo kula magama  
angezantsi ufake isangqa.

w o m a m k e l a

e n d l w i m i

e m t h i n e

n d e d l e

n g o g u

u c u z e

n d a o o

u y e s s



# 2 3 Ukubala imali ezinkozo

Nceda uZakeyi abale imali yakhe ezinkozo.




$$1c + 2c + 5c =$$

$$2c + 5c + 10c =$$

$$1c + 1c + 5c + 20c =$$

$$2c + 2c + 5c + 5c + 10c + 10c =$$

$$1c + 1c + 5c + 10c + 50c =$$



# UYesu uvukile ekufeni

UYesu nabafundi bakhe  
baya kwisitiya.

UYesu uthandaze wathi:

“Bawo, makungabi  
kokuthandwa ndim,  
makube kukuthanda kwakho.”





Wamphendula uYesu esithi:  
“Ndinguye.”

Umbingeleli omkhulu ke  
wathi kwiBhunga:  
“Nithini nina?  
Makathiweni uYesu?”


Wathi gqi uJudas,  
ehamba nendimbane,  
inamakrele neentonga.

Bambamba ke uYesu,  
bamsa kumbingeleli  
omkhulu.

Umbingeleli omkhulu  
wambuza uYesu esithi:  
“Unguye na uNyana kaThixo?”

Baphendula bathi:  
“Ufanele ukufa.”





Bemka ke noYesu,  
bamnikela kuPilato.  
UPilato yena unikele uYesu  
kumajoni athile.



Amajoni ahlekisa  
ngoYesu.  
Aluka isithsaba  
sameva,  
amthi jize ngaso  
entloko.

Amajoni ke asa uYesu  
kwindawo ekuthiwa yiGolgota.  
Oko kukuthi iNdawo yoKhakhayi.



Amajoni ambethelela emnqamlezweni  
uYesu.



UMariya, unina kaYesu,  
wayemi ngasemnqamlezweni.  
Wayemi kunye noYohane.  
UYesu wayemthanda uYohane.

UYesu wathi kunina:

“Mama, nanko unyana wakho.”

Waza uYesu wathi kuYohane:

“Nanko umama wakho.”

Ukususela ngelo xesha

uYohane

wamthathela emzini wakhe

unina kaYesu.


UYesu ke wakhala  
ngezwi elikhulu,  
waphuma  
umphefumlo.







Bawuthula umzimba  
kaYesu  
emnqamlezweni,  
bawubeka engcwabeni  
elixholwe eliweni.



Baqengqa ilitye elikhulu,  
balivala ngalo ingcwaba.

Kusasa ngeCawe abafazi abathile  
baya engcwabeni.

Babona ukuba elo  
litye liqengqiwe  
lesuka engcwabeni.


Kodwa umzimba kaYesu  
wawungekho.

Isithunywa sasezulwini  
sathi kubafazi:



“UYesu uvukile ekufeni.  
Yiyani kubaxelela  
abafundi bakhe.”

Kwangaloo mini  
abafundi ababini  
babesiya e-Emawusi.  
Babethetha ngako konke  
okwakuthe kwenzeka.  
Babematshekile.





UYesu wasondela,  
wahamba nabo.

UYesu ke wabaxelela  
ukuba wayemelwe kukufa.

Basondela ke kuloo dolophana  
babesiya kuyo.



Bamcela uYesu besithi:  
“Hlala nathi.”



Wangena ke uYesu, wahlala etafileni,  
ukuze atye kunye nabo.

Wathatha isonka, wabulela,  
wasiqhekeza, wabanika.

Aqabuka amehlo abo, bamazi ukuba  
unguYesu.

Wathi shwaka yena kubo.

Basuka kwangelo lixa,  
babuyela eJerusalem.

Babalisela abafundi bakaYesu,  
besithi bambonile.



Besazithetha ezi zinto  
uYesu ngenkqu  
wema phakathi kwabo.

UYesu wathi kubo:  
“Ndim ngenkqu.”  
Baba novuyo olukhulu.



Babesazi ukuba uYesu  
uvukile ekufeni.

## **a** **b** Ukugqwetha umbhalo

Zonke izandi zinxulunyaniswe nenani. Fumana indlela yokufunda umbhalo ogwethiweyo?

21 20 8 1 14 4 1 26 5  
  h   d

1 13 1 10 14 1

21 16 9 12 1 20 15



21 10 21 4 1 19

a	b	c	d	e	f	g	h	i	j	k	l	m
1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	11	12	13

n	o	p	q	r	s	t	u	v	w	x	y	z
14	15	16	17	18	19	20	21	22	23	24	25	26

# 2 3 Iimpazamo ezininzi


Khangela onke amanani angesiso isiphindo senani elikhulu uwafake isangqa.



- 1. AsiyaNyani!
- 2. Yi Nyani!
- 3. Yi Nyani!
- 4. Yi Nyani!
- 5. Yi Nyani!
- 6. Asiy-
- 7. Yiqiniso Nyani!
- 8. Yi Nyani!
- 9. AsiyaNyani!

Umdlalo – Yinyani:  
okanye asiyaNyani!

$$\begin{aligned} 7 &= 2 + 5 \\ 2 &= 0 + 2 \\ 3 &= 1 + 2 \end{aligned}$$



Iqhina loqashiso:

7	=	7	+	3
=		=		=
5	=	3	+	2
+		+		+
2	=	1	+	1

Igridi yamanani:

n i s e n  
e n y s u

t u w i y u i e h s  
! s i t h u n y h w a

k e n i k z i n w e w  
! n k w e n k w e z i

Amagama angqondakaliyo:

Iimpendlulo

# Impendulo

Khangela impazamo:

w a m a m k e l a e n d l w i n i

e m t h i n i n d i d i e

n g o k u n k e z e n d a w o

n y e s u

Ukubala imali ezinkozo:

$$1c + 2c + 5c = 8c$$

$$2c + 5c + 10c = 17c$$

$$3c + 5c + 20c = 28c$$

$$7c + 10c + 20c = 37c$$





$$2c + 5c + 10c + 50c = 67c$$

Ukugqwetha umbhalo:

u t h a n d a y t n e z o p a n d a m a j o n i

u p i l a t o n d i n p a s

Impazamo ezininzi:



# Impendulo

Khangela amagama:

a	m	i	u	y	e	s	u	s	n	i
r	e	u	m	r	a	n	m	t	c	m
l	e	r	a	n	d	o	s	i	e	u
i	m	e	b	s	y	e	a	m	d	m
m	e	l	a	h	l	d	m	a	a	p
a	s	y	p	l	e	l	a	p	e	r
l	m	i	h	e	s	u	r	l	u	!
!	m	p	a	h	l	a	!	a	m	s
u	a	b	n	c	e	s	y	n	a	t
m	a	g	m	e	n	a	g	b	e	
s	y	h	!	!	n	d	l	e	l	a

Uphinda phindo oluxutyiweyo:

$$1 \times 2 = 2$$

$$2 \times 3 = 6$$

$$3 \times 1 = 3$$

$$2 \times 7 = 8$$

$$5 \times 2 = 10$$

$$3 \times 3 = 9$$

$$2 \times 6 = 12$$

$$3 \times 7 = 12$$

Gcwalisa amagama:

1. emkhombeni

2. umkhombe

3. ubuthongo

4. olukhulu

5. Umkhombe

6. cwaka

7. uqhwithhela

Khangela ifomula:

7	+	12	-	9
+	7	÷	5	+
7	×	2	×	7
+	3	×	3	+
6	÷	5	+	6

# Ittheyibhile yophinda-phindo (1-10)

1x	2x	3x	4x	5x
$1 \times 1 = 1$	$2 \times 1 = 2$	$3 \times 1 = 3$	$4 \times 1 = 4$	$5 \times 1 = 5$
$1 \times 2 = 2$	$2 \times 2 = 4$	$3 \times 2 = 6$	$4 \times 2 = 8$	$5 \times 2 = 10$
$1 \times 3 = 3$	$2 \times 3 = 6$	$3 \times 3 = 9$	$4 \times 3 = 12$	$5 \times 3 = 15$
$1 \times 4 = 4$	$2 \times 4 = 8$	$3 \times 4 = 12$	$4 \times 4 = 16$	$5 \times 4 = 20$
$1 \times 5 = 5$	$2 \times 5 = 10$	$3 \times 5 = 15$	$4 \times 5 = 20$	$5 \times 5 = 25$
$1 \times 6 = 6$	$2 \times 6 = 12$	$3 \times 6 = 18$	$4 \times 6 = 24$	$5 \times 6 = 30$
$1 \times 7 = 7$	$2 \times 7 = 14$	$3 \times 7 = 21$	$4 \times 7 = 28$	$5 \times 7 = 35$
$1 \times 8 = 8$	$2 \times 8 = 16$	$3 \times 8 = 24$	$4 \times 8 = 32$	$5 \times 8 = 40$
$1 \times 9 = 9$	$2 \times 9 = 18$	$3 \times 9 = 27$	$4 \times 9 = 36$	$5 \times 9 = 45$
$1 \times 10 = 10$	$2 \times 10 = 20$	$3 \times 10 = 30$	$4 \times 10 = 40$	$5 \times 10 = 50$
6x	7x	8x	9x	10x
$6 \times 1 = 6$	$7 \times 1 = 7$	$8 \times 1 = 8$	$9 \times 1 = 9$	$10 \times 1 = 10$
$6 \times 2 = 12$	$7 \times 2 = 14$	$8 \times 2 = 16$	$9 \times 2 = 18$	$10 \times 2 = 20$
$6 \times 3 = 18$	$7 \times 3 = 21$	$8 \times 3 = 24$	$9 \times 3 = 27$	$10 \times 3 = 30$
$6 \times 4 = 24$	$7 \times 4 = 28$	$8 \times 4 = 32$	$9 \times 4 = 36$	$10 \times 4 = 40$
$6 \times 5 = 30$	$7 \times 5 = 35$	$8 \times 5 = 40$	$9 \times 5 = 45$	$10 \times 5 = 50$
$6 \times 6 = 36$	$7 \times 6 = 42$	$8 \times 6 = 48$	$9 \times 6 = 54$	$10 \times 6 = 60$
$6 \times 7 = 42$	$7 \times 7 = 49$	$8 \times 7 = 56$	$9 \times 7 = 63$	$10 \times 7 = 70$
$6 \times 8 = 48$	$7 \times 8 = 56$	$8 \times 8 = 64$	$9 \times 8 = 72$	$10 \times 8 = 80$
$6 \times 9 = 54$	$7 \times 9 = 63$	$8 \times 9 = 72$	$9 \times 9 = 81$	$10 \times 9 = 90$
$6 \times 10 = 60$	$7 \times 10 = 70$	$8 \times 10 = 80$	$9 \times 10 = 90$	$10 \times 10 = 100$